Isalathiso: 20200304-5284
Inombolo yefayili: 12/2/7
Imibuzo: LR Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwaMaziko: 0001/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Imiba emalunga nokwamkelwa kwabafundi ngekhompyutha ezikolweni*

Isihloko: Ingcaciso yakutshanje ngokwamkelwa kwabafundi ngekhompyutha ezikolweni

1. Ngokungaphandle kwesiqalo esibe namahla-ndinyuka senkqubo yokwamkelwa kwabafundi ngekhompyutha esikolweni, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) lingayinika ingxelo yokuba sigqithisile kwinani ebelilindelekile lezicelo ezifakiweyo zaza zangeniswa kwisistim yasekhompyutheni xa kuthelekiswa nexesha elifanayo kwinkqubo yokwamkela abafundi ngekhompyutha ngonyaka ophelileyo.

2. Ngosuku lokuvula, nge-17 Februwari, izicelo eziyi-**33 518** zangeniswa yathi iphela imini yokusebenza yange-25 Februwari 2020, zabe sele zifakiwe ngempumelelo ngabazali kwisistim, izicelo eziyi-**154 449**.

3. ISebe i*WCED* lifumene imingeni ngokuphathelele ekubeni nako kuka-intanethi ukusebenza ekuqaleni kwenkqubo yokungeniswa kwezicelo ukususela ngoMvulo, nge-17 Februwari 2020, kwade kwasemva kwemini angoLwesithathu, nge-19 Februwari 2020. Le mingeni ibingaphaya kolawulo lwethu.

   Eli Sebe leMfundo lafumana ubunzima kwezobuchwephetsha ekuqaleni kwale nkqubo ukususela ngoMvulo, nge-17 kaFebruwari ngo-2020, kwada kwaba semva kwemini yangoLwesithathu, we-19 kaFebruwari ngo-2020.

4. Oku kukhokelele ekubeni abazali abathile bangakwazi ukuzalisa nokungenisa izicelo zabo ukususuka ngoMvulo ukuya emva kwemini ngoLwesithathu.

5. Kucelwa iinqununu zezikolo namabhunga olawulo akuthathela ingqalelo oku xa eqwalasela izicelo ukuqinisekisa ukuba zonke izicelo ezifunyenweyo zethuba elipheleleyo lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukususela nge-17 Februwari 2020 ukuya kowe-17 Matshi 2020, ziyaqwalaselwa zisingathwe ngobulungisa.
6. Ukongeza, iSebe i*WCED* lifumene izikhalazo eziliqela ezisuka ebantwini ngezenzo ezitenxileyo nezingekho mthethweni emazaziswe iinqununu zezikolo noosihlalo bamabhunga olawulo ukwenzela ukuba zisonjululwe.

7. ISebe i*WCED* liqwalasele ukuba ezinye izikolo aziyithobeli imimiselo yamaxesha achaziweyo, yaye kukwachazwe iimeko ezimbalwa apho abazali babexelelwe zizikolo ukuba isikolo sele siziqukumbele iinkqubo zaso ekuqaleni kukaFebruwari okanye ukuba baya kube besenza iinkqubo zabo kamva.

8. Kukhunjuzwa izikolo ukuba imihla yokwamkela abafundi yayipapashwe kwiSetyhula 0043/2019, yowe-15 Novemba 2019 kwanokuba le mihla sele yazisiwe.

9. Ngoko ke, zonke izicelo ezifunyenweyo ngethuba elichazwe kumhlathi 5 ongentla, **KUFUNEKA** ziqwalaselwe ukuqinisekisa inkqubo yolawulo enobulungisa njengoko kuchaziweyo kuMthetho oKhuthaza uLawulo ngoBulungisa, 2000 (uMthetho 3 ka-2000).

10. **IZIKOLO EZIFUNA ABAZALI BABAFUNDI BEBAKALA R ABASELE BEBHALISILE ESIKOLWENI UKUBA BENZE ISICELO SOKUFAKWA KOMFUNDI KWIBAKALA 1 NGO-2021:**

10.1 Izikolo azinakufuna abafundi beBakala R, abasele bebhalisile esikolweni ukuba mabafake isicelo sokufakwa kwiBakala 1, njengoko abafundi, ubukhulu becala, baya kudluliselwa kwiBakala 1 sisikolo nanguMphathi weSekethe ngokungqinelana neNkcazelo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*CAPS*) ekupheleni konyaka.

10.2 Lo mgaqo-nkqubo ungasentla awumniki umzali ithuba lokukhetha ukwenza isicelo seBakala 1 kwisikolo akuso.

10.3 Ziyaziswa zonke iinqununu zezikolo, amabhunga olawulo namagosa ukuba akukho mfuneko yokuba abo bazali bangenise NAZIPHI NA izicelo ukuba umntwana sele esesikolweni.

10.4 Ezi zicelo zikhokelela kumanani abafundi ababhalisileyo anyuswe ngokubaxekileyo nedatha yezicelo asibobungqina bunyanisekileyo benani labafundi beBakala 1 abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngethuba sinika ingxelo kwiphondo okanye kwiSebe likaZwelonke ekuhambeni konyaka.

11. **IZIKOLO EZINGAFUNI KUZIQWALASELA IZICELO EZINGAMAPHEPHA:**

11.1 Isistim yokubhalisa abafundi yasekhompyutheni isalingwa ukuhlola eyona ndlela ibhetele inokusetyenziswa.

11.2 Nangona sikhuthaza abazali ngokukhutheleyo ukuba mabafake isicelo ekhompyutheni, masazi yaye sivelane nabazali abasenokungakwazi ukufikelela kwi-intanethi nabangakwazi ukufaka izicelo kwikhompyutha.

11.3 Izikolo mazibalungiselele abo bazali yaye zizamkele izicelo ezingamaphepha.

11.4 Uninzi lwabazali banxibelelana nathi yaye batyelele ii-ofisi zethu bevakalisa ukucaphuka zizikolo ezingavumiyo ukwamkela izicelo ezingamaphepha kwanokuba bejikwa bengakhange bafumana nayiphi na inkxaso.

11.5 Nangona sibakhuthaza abazali ukuba mabasebenzise isistim yasekhompyutheni, izikolo azinako, kwesi sigaba, ukungavumi ukwamkela izicelo ezingamaphepha ukuba umzali akanakufikelela kwi-intanethi.

11.6 Kucelwa izikolo zinike inkxaso abo bazali, ngokwenza ukuba kungenwe kumaziko ekhompyutha abo ukunika ingcebiso nokuncedisa abazali ekwenzeni izicelo, okanye, ngenye indlela, zizamkele izicelo ezingamaphepha izikolo ze zizifake kwisistim yasekhompyutheni ngokwazo.

11.7 Kucingelwa ukuba abazali baya kutshintshela ngokupheleleyo kwinkqubo yokufakwa kwezicelo ngekhompyutha ekuhambeni kwexesha, kodwa kusafuneka sizamkele izicelo ezingamaphepha ngeli thuba lenguqu.

12. **IZIKOLO EZIHLAWULISA ABAZALI IIFIZI ZOKUBHALISA OKANYE IIFIZI EZIHLAWULWA NGAPHAMBI KOKUFUMANEKA KWENDAWO YOKUFUNDA:**

12.1 Sifumene kwakhona izikhalazo eziliqela ezisuka kubazali apho izikolo zihlawulisa abazali iifizi zokubhalisa okanye iifizi ezihlawulelwa ngaphambi kokufumana indawo yokufunda.

12.2 Le yinkqubo engekho mthethweni yaye bayacelwa bazise izikolo namabhunga olawulo ukuba iSebe i*WCED* alizikhuthazi izenzo ezinjalo yaye alisayi kuba nayo nayiphi na enye indlela ingekuko ukwazisa abazali ngamalungelo abo nokufuna ukuba izikolo mazibuyisele ngokupheleleyo naziphi na iintlawulo.

12.3 Niyaziswa ke ngoko ukuba ezo zenzo zingakhokelela ekuthathweni kwenyathelo lomthetho ngakwiSebe i*WCED* nakwibhunga lolawulo yaye zingakhokelela ekuthathweni kwenyathelo lomthetho ngakwisikolo esichaphazelekayo okanye ngakwigosa lesithili.

13. **IZIKOLO EZICELA KUBAZALI INGCACISO NEZIKHABANAYO NOMTHETHO WEZIKOLO WASEMZANTSI AFRIKA, 1996 (UMTHETHO 84 KA-1996), KUNYE/OKANYE UMTHETHO I-*PROTECTION OF PERSONAL INFORMATION ACT (POPI ACT), 2013***

13.1 Kukhunjuzwa izikolo ukuba **AZIVUMELEKANGA** ukucela ingcaciso yobuqu yabo kulindeleke ukuba babe ngabafundi kunye nabazali babo ngeenjongo zokwamkelwa

komfundi esikolweni ezingangqinelaniyo nesahluko 2, umhlathi 5, woMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996).

13.2 Oku kubandakanya ingcaciso enxulumene nokuba nako komzali ukuhlawula iifizi zesikolo okanye ingcaciso yobuqu nendlela aziphethe ngayo umfundi okanye umzali enokukhabana noMthetho i-*Protection of Personal Information Act*, 2013 (uMthetho 4 ka-2013).

13.3 Ziyacetyiswa iinqununu, amabhunga olawulo nootitshala abakhupha okanye abaphendula kwizicelo ezilolu hlobo zengcaciso eyimfihlo, ukuba ezo zenzo zinokufaka isikolo neSebe i*WCED* kwimingeni yezomthetho.

14. ISebe i*WCED* linqwenela ukuvakalisa imibulelo yalo kwizikolo ezenza ngokungaphaya kunokuba bekulindelekile ukuncedisa abazali ngethuba lale nkqubo yaye liyayithakazelela inyameko nenkxaso yabo bonke abathathi-nxaxheba ngeli xesha.

15. Yonke imibuzo ngokunxulumene nokungentla inokuthunyelwa kuMphathi weSekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye okanye kwiNtloko yoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko kwisithili ngasinye.

16. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2020-03-03